

IsiXhosa

Inqanaba

# Isihlangu esihle

5c



NguErlina Makgalemele



**Isihlangu esihle**

**IsiXhosa**

**Inqanaba: 5C**

ISBN: 978-1-77981-646-7

© 2023 Ulwazi Lwethu African Languages Literacy Project

Umbhali: nguErlina Makgalemele

Iguqulelwe exiXhoseni: nguBomikazi Njoloza neqela laseNMI

Imifanekiso: nguNashika Latchram

Uyilo: Rock Bottom Graphic & Design

Uhlelo lokuqala loshicilelo ku2023

Ushicilelo lwe10 9 8 7 6 5 4 3 2 1

Unyaka wama2027 2026 2025 2024 2023

# Isihlangu esihle



**NgueErlina Makgalemele**

Isihlangu esidala sasifuna ukugcina ubuhle baso.

Isihlangu saqaphela ukuba umniniso akasasithandi. Sasihlala sibekwe kude kwezinye kodwa sasifuna ukuthandwa nje ngezinye. Sasikhathazeka sijonge kalusizi xa umniniso ethatha uhambo angasihoyi.





Sasihlala singembezana kuba umniniso wayesinxiba xa kunetha kuphela. Sasinxitywa kuphela kwiindawo ezinodaka nezinesanti. Ezinye izihlangu zazinxitywa kwiindawo ezilungileyo naxa imozulu intle

Le meko yayihlala isihlaza isihlangu siqonda ukuba asithandwa. Umniniso wayesoloko eguqugugula egqogqa asilahlele ecaleni xa ekhangela isihlangu sokunxiba. Isihlangu sasijonga xa umniniso epolisha ngothando ezinye izihlangu eziza kunxitywa xa ephuma.





Isihlangu sagqiba ekubeni sishiye ikhaya  
singabonwa sihambe siyokuzihlaziya.  
ngento eyenziwe ngegolide.

Isihlangu sazibuza imibuzo emininzi,  
singaya phi, kubani?

Sasifuna ukubuya sisisihlangu esitsha.  
Sasinqwenela ukuzibona simenyezela,  
siqaqambile sisihle kwakhona.

Isihlangu saya kumkhandi wezihlangu ekwakukuphela kwakhe kule dolophu. Sathi sakufika sajonga sibukele umkhandi wezihlangu esebenza.

Umkhandi wayesebenza ngokucokisa nangothando. Isihlangu ngokuzithoba sacela umkhandi wezihlangu ukuba asihlaziye. Umkhandi ukhethe ilaphu elihle legolide elithandwa sisihlangu.







Iphupha lesihlangu lafezekiswa, saba  
sisihlangu esihle kunangaphambili.  
Sayimenyezela siqaqambile, sikhangeleka  
sisihle nangaphezu kwesihlangu esitsha.

Umkhandi wezihlangu wabeka esi sihlangu  
eshelufini ukuze sibonwe ngabantu. Isihlangu  
sasizingca, sonwabile saze sathatha uhambo  
olubuyela ekhaya.

*Endleleni egodukayo saqamba sacula eli  
culo,*

*“Ndim ndedwa isihlangu esihle  
Ndinegolide esifubeni sam  
Ndicula kamnandi kunomlonji  
Ndimke ekhaya ndingathandwa  
Ngoku ndisesona sihlangu sihle  
Owu ewe, ndim ndedwa kuphela.”*






Ihobe lamamela isihlangu sicula  
laphaphazela lasondela lathi,  
“Uyakhazimla, uqaqambile, umhle.  
Ndiyakuva ucula kamnandi kodwa  
awusoze ucule ngcono kunam.”

Isihlangu asizange sihlupheke yile nto  
ithethwa lihobe. Kwakungekho nanye into  
enokusiphazamisa kolo vuyo sasinalo.

Isihlangu saqhubeka nohambo lwaso sagqitha emlanjeni. Sangcileza kuhle singafuni ukuzingcolisa. Sacwezela kuhle sicula, sonwabile, sincumile.



Isihlangu safika kwindawo ezele udaka sema sayeka noko kucula, sasibhidekile ukuba siza kudlula njani.



Kanye ngelo xesha lafika ihobe.  
“Bendiphulaphule ndilandela ingoma  
yasuke yaphela esithubeni. Konakele  
phi?”

“Hobe mntakwethu ndisengxakini.  
Ndisendleleni egodukayo kwaye andifuni  
kungcola. Jonga olu daka lungaka,  
ndidinga uncedo.” Saphendula isihlangu.

Ihobe zange libhungise, laphakamisa isihlangu labhabha naso lasigqithisa kuloo ndawo inodaka. Isihlangu saxhuma-xhuma luvuyo salibulela kakhulu ihobe.





Isihlangu safika ekhaya sisacocekile  
sisaqaqambile. Umniniso  
wayemangalisekile akubona isihlangu  
sakhe engawakholelwa amehlo akhe.  
Noxa wayemangalisiwe wayevuya  
kakhulu.

Ezinye izihlangu zasivuyela esi sihlangu zakusibona sihlaziyekile. Zahamba ngamxhelo mnxe zasamkela kodwa ezinye zinomona. Zazingathandi ukubona ukuqqaqamba kwegolide kwesi sihlangu.







Umniniso wavuseleka uthando kwesi  
sihlangu. Wasinxiba ndawo yonke,  
ingakumbi kwiintlangano ezibalulekileyo.  
Waqala wasinxiba kuhambo oluya  
kwikonsathi. Abantu bonke bothuka  
bengaliswa bubuhle besi sihlangu.

Isihlangu sasuka sancuma savuma  
ingoma.

*“Ngoku ndisesona sihlangu sihle  
Owu ewe, ndim ndedwa kuphela.”*

Umniniso wasinxiba kuhambo olulandelayo oluya epakini. Kwakukho umjikelezi owonwabisayo, amakhwenkwe namantombazana amaninzi. Isihlangu saba nexhala lokungcola kuba laligqutha kodwa umniniso wema kude kwindawo enothuli ukuze asikhusele. Abantu bonke bothuka bengaliswa bubuhle besi sihlangu.

Isihlangu sasuka sancuma savuma ingoma.

*“Ngoku ndisesona sihlangu sihle  
Owu ewe, ndim ndedwa kuphela.”*





Umniniso wasinxiba kuhambo lwesithathu oluya kumsitho womtshato. Umniniso wafika apho abantu becula iingoma ezimnandi zomtshato. Basuka bonke banqumama ukucula bajonga esi sihlangu bothukile bemangaliswe bubuhle baso. Umyeni nomtshakazi nabo bothuka bengaliswe bubuhle besi sihlangu.

Isihlangu sasuka sancuma savuma ingoma.


*“Ngoku ndisesona sihlangu sihle  
Owu! Ewe, ndim ndedwa kuphela.”*

Isihlangu saba yintandokazi. Umniniso wathatha uhambo oluya elwandle. Kwakhona saba nexhala lokuba mdaka isihlangu. Umniniso wema mgama akasondela elunxwemeni esikhusela ekungcoleni.

Isihlangu sasuka sancuma savuma ingoma.

*“Ngoku ndisesona sihlangu sihle  
Owu! Ewe, ndim ndedwa kuphela.”*





Rhoqo ngokuhlwa umniniso wayesicoca asipolishe simenyezele. Isihlangu saqaphela ukuba siyathandwa kwakhona. Sasivuya kumnandi ukuba yinxalenye yengqokelela yezihlangu.

Isihlangu sasuka sancuma savuma ingoma.

*“Ngoku ndisesona sihlangu sihle  
Owu ewe, ndim ndedwa kuphela.”*

Umniniso wanxiba isihlangu waya kumkhandi wezihlangu. Wafika wabulela kakhulu evuyela ukuba nesihlangu esihle kakhulu. Isihlangu naso sambulela kakhulu umkhandi wezihlangu ngokusibuyisela isidima saso.

Isihlangu saqhubeka nokuncuma nokucula.

*“Ngoku ndisesona sihlangu sihle  
Owu ewe, ndim ndedwa kuphela.”*





## Readers

### Inqanaba 1

1. Izandi ezizikhamiso
2. Izandi ezingamaqabane (b-j)
3. Izandi ezingamaqabane (k-r)
4. Izandi ezingamaqabane (s-z)
5. Vula, vala, vakala
6. Ukubala amagubu
7. Imbalela
8. Uziva njani uZazi?
9. UNunu noBobi
10. Idonki
11. Ipesika enkulu
12. UVuxa uthanda ucoceko
13. Isuphu emnandi
14. Amawele aluncedo
15. Qaphela Cokisa
16. USazi ufuna ukupeyinta
17. Ibululu esibayeni
18. UVela noVutivi
19. Iyakwazi ukubhabha

### Inqanaba 2

1. Umlilo
2. UKhabo nesigcawu
3. Ubuya nini uTata?
4. Mini emnandi Zazi
5. Amantombazana alusayo
6. Masonge amanzi
7. Iinwele ezinkulu
8. Basefama
9. Isifo seehagu
10. Usapho lwam
11. UKhosi uxakekile
12. Lina libalele
13. Ukonga uTatomkhulu
14. Ubomi bam basefama
15. Konke ngeetapile
16. Imvumi yodumo uMirriam Makeba
17. UNTombi ubhaqa isela
18. IShibhelani kaKulani

### Inqanaba 3

1. Soweto
2. Isipho esothusayo
3. Andiyithandi imifuno
4. UKhazi nombala obomvu
5. Izipho
6. Umjikelo wobomi besele
7. Uthando lwamawele
8. Umnyama kaNyansio
9. UPhumu owonwabileyo
10. Umnqweno kaLunje ufezekile
11. UMoli neekhrikethi
12. Uleqa phi Wenzile?
13. Amaqanda kaZodwa adukileyo
14. Isidudu esimnandi
15. Iinyosi
16. Ingwenya enentiyo
17. Amaxesha onyaka
18. Zinkulu kum
19. Isonka sikaNomsa
20. UMbali noBuhle

### Inqanaba 4

1. Impindezelo yenkunzi
2. Icebo elihle likaNtigiso
3. Ibhola elahlekileyo
4. Batyelela umzi wogcino zilwanyana
5. Idyasi eguquliweyo
6. Ubuchule bukaNcinci
7. Badlala kuyo nayiphi imozulu
8. Imisebenzi yasekhaya
9. Ilokhwe entle
10. Umlimi uNtsika neenkawu
11. Amanzi ndawo yonke
12. Ubugqi bembewu
13. UPhila wonzakele
14. Isityalo esiphilisiyo
15. Iindlela zabantu baseVenda
16. UQhawe uyalazi ixesha
17. Ugqirha uSooliman olungileyo
18. Amakhwenkwe akrelekrele
19. Iindlela zothutho
20. UGcina uzigcina esempilweni

### Inqanaba 5

1. Isiqalo esitsha
2. Inguqu kaNondwe
3. Intombazana ekrelekrele
4. Umsesane weXhalanga
5. Umdlali obalaseleyo
6. UThobile nezihlangu ezintsha
7. Imilambo yaseMzantsi Afrika
8. Imithi yaseMzantsi Afrika
9. Uphelwe ngamanzi emzimbeni
10. Singcamla incasa yaseVenda
11. Utata wethu, umgcini wezilwanyana
12. Umkhuhlane
13. UNomadlakadlaka oligorha
14. Ingxaki egadini kaMakhulu
15. UStovi noStali
16. Iphupha likaSiviwe
17. Isihlangu esihle
18. UThwasa uphuthelwe
19. Ukulima
20. Ubuhlobo bokwenene
21. Umlobi



**ZENEX**  
FOUNDATION

**MOLTENO**  
INSTITUTE FOR LANGUAGE AND LITERACY  
EST. 1974



Ulwazi Lwethu yinkqubo esekwe ngenkxasomali yiZenex Foundation ukuvelisa uluhlu lweencwadi zokufunda nezinye izixhobo zokufundisa. Le nkqubo ijolise ekufundiseni nasekuxhaseni ukuphuhla kwesakhono sokufunda nokuqonda ulwimi lwasekhaya kubafundi abakumabanga aphantsi. Ezi ncwadi zihleliweyo zisungulwe ngeelwimi ezilithoba zaseMzantsi Afrika ngentsebenziswano phakathi kwamaqumrhu iMolteno Institute for Language and Literacies, iNelson Mandela Institute for Education and Rural Development, iRoom to Read South Africa neSouth African Institute for Distance Education. Zonke ezi zixhobo ziveliswe njengesibonelelo semfundo evulelekileyo nefumaneka simahla, iOpen Education Resources (OER) ngelasemzini.

Nceda undwendwele iwebhusayithi yethu ukuze ufumane ushicilelo olupheleleyo lwale ncwadi:: [ulwazilwethu.org.za](http://ulwazilwethu.org.za)



Creative Commons Attribution-NonCommercial-NoDerivatives (CC BY-NC-ND) 4.0 International Licence

Disclaimer: You are free to download and share this work as long as you attribute Zenex Foundation, but you may not change this work in any way or use it commercially.

